Isalathiso: 20190906-8877
Inombolo yefayili: 13/3/2
Imibuzo: Makujongwe kwitheyibhli 6.3

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweeMviwo: 0010/2019

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli aBaziiNtloko, kuBalawuli, (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwaMaziko, kuMasekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo nakwiiNtloko zezikolo zikarhulumente nezezikolo ezizimeleyo ezilungiselela abafundi kwiiMviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: **liMviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke: likhrayitheriya zokwamkelwa kwiimviwo zangoMeyi/Juni ngenxa yokugula, ukuswelekelwa ngomnye umntu wosapho olusondeleyo kuwe okanye ngenxa yeemeko ezizodwa zangoMeyi/Juni**

1. Le ngcaciso imfutshane icacisa iikhrayitheriya zokwamkelwa kwabaviwa kwiimviwo zangoMeyi/Juni zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*). Mayifundwe le ngcaciso imfutshane kunye noMmiselo 7B we-*Amendment of the Regulations Pertaining to the Conduct, Administration and Management of the National Senior Certificate Examination opapashwe kwiGazethi kaRhulumente No.* 42430 ye-30 Apreli 2019.

2. Iimviwo ze*NSC* ziya kuqhutywa ngoMeyi/Juni. Kuphela ngabafundi ababhalisele iimviwo ze*NSC* zangoNovemba zonyaka ongaphambili abanokwamkelwa kwiimviwo ze*NSC zangoMeyi/Juni*.

3. Abafundi abathe bangabikho kwiimviwo ze*NSC* zangoNovemba nabangenasizathu sivakalayo nesamkelekileyo, abayi kuvunyelwa babhalisele isifundo (izifundo) kwiimviwo zeNSC zangoMeyi/Juni.

4. Abafundi abanakubhalisela naziphi na izifundo ezitsha kwiimviwo zangoMeyi/Juni ze*NSC*, oko kukuthi banokubhalisela kuphela izifundo ebebebhalisele zona kwiimviwo ezandulelayo ze*NSC* zangoNovemba.

5. Iindidi *(categories*) anokuqwalaselelwa zona umfundi ukwenzela ukwamkelwa kwakhe kwiimviwo zangoMeyi/Juni ze*NSC* zezi zilandelayo:

5.1 **Iimeko zokugula/iimeko zezonyango**

5.1.1 Umfundi ogulayo, okhulelweyo okanye othe wagula ngethuba leemviwo zeNSC zangoNovemba onesatifikethi sokugula esisemthethweni (*valid medical certificate)* uya kuvunyelwa abhalisele iimviwo zangoMeyi/Juni ze*NSC*.

5.1.2 Umfundi unokukhetha ukubhala zonke iimviwo okanye isifundo okanye ukubhala kuphela elo phepha (loo maphepha)/loo macandelo) esifundo angazange awabhale kwiimviwo ze*NSC* zangoNovemba.

5.1.3 Isatifikethi sokugula (*medical certificate*) masiyingqine imeko exhomisa amehlo yokugula yaye masizanelise iimfuno ezimiselweyo zeSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED). Umhla wokukhutshwa kwesatifikethi sokugula, mawungqinelane nomhla wokungabikho komviwa kuviwo.

5.2 **Iimeko zokuswelekelwa**

Kwimeko yokuswelekelwa ngomnye wosapho osondeleyo kumviwa, ukwamkelwa kwiimviwo zeNSC zangoMeyi/Juni kuxhomekeke kwingqiqo yeNtloko yeSebe iWCED. Isicelo sokwamkelwa kwiimviwo masihanjiswe neleta evela kwinqununu ecebisa ngokuba umfundi ochaphazelekayo makabhaliselwe iimviwo ze*NSC* zangoMeyi/Juni. Ikopi yesatifikethi sokusweleka esiqinisekisiweyo ne-afidavithi eyingxelo efungelweyo engqina ukuzalana komntu oswelekileyo nomviwa, mayihanjiswe nesicelo.

5.3 **Iimeko ezizodwa**

5.3.1 Kwimeko yomfundi omele uMzantsi Afrika kumdlalo owaziwayo yaye angabinako ukubhala uviwo ngenxa yoko, yena makavunyelwe abhalisele iimviwo zeNSC zangoMeyi/Juni yaye anike ubungqina obuxhasa oku.

5.3.2 Umfundi makaqinisekise ukuba ufumana ileta esemthethweni yebhunga lezemidlalo engqinisisa ukuba umfundi ukhethelwe ukuba amele ilizwe ngethuba elicacisiweyo.

5.4 **Imfundo esemva kweyematriki**

Xa kunokwenzeka ukuba umfundi angazifezekisi iimfuno ezimiselweyo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke kodwa anqwenele ukuphucula indlela apase ngayo kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (nokuba kukuphucula isifundo okanye udidi lokupasa kwakhe), yena unokubhalisela ukubhala iimviwo ze*NSC* zangoMeyi/Juni.

6. Apho abaviwa bangakheyo kwiimviwo ze*NSC* zangoNovemba ngenxa yokugula, ukuswelekelwa lilungu losapho elisondeleyo kumviwa okanye kwiimeko ezizodwa, makulandelwe ezi zinkqubo zilandelayo:

6.1 Inqununu okanye umgadi wabaviwa oyintloko makambhale (mark) umviwa njengongekhoyo yaye akubonise oko ngo-"999" kwirejista nakwimakhishithi ngokulandelelanayo.

6.2 Ngosuku loviwo, inqununu okanye umgadi wabaviwa oyintloko makabhale inombolo yoviwo yomfundi nenombolo yesazisi somfundi ngokucacileyo kwisatifikethi sokugula, kwi-afidavithi eyingxelo efungelweyo nakuyo nayiphi na enye imbalelwano phambi kokungeniswa kwayo kuNdlunkulu weSebe leMfundo.

6.3 Amaxwebhu achaphazelekayo, oko kukuthi izatifikethi zokugula/zokusweleka (*medical/death certificates*), makahanjiswe neFom yoMfundi oNgekhoyo *(Learner Absentee Form*) **(isiHlomelo A)** yaye makathunyelwe kwaNdlunkulu weSebe i*WCED* ngokwahlukeneyo yaye MAKANGAqhotyoshelwa kwincwadi yempendulo/kwiskripthi (*script/answer book*). Amaxwebhu ayimfuneko makaskenwe aze athunyelwe nge-imeyili, kodwa amaxwebhu ayintsusa (*originals)* makaposwe okanye makaziswe ngesandla kwaNdlunkulu weSebe iWCED zingadlulanga iintsuku ezisixhenxe. Amaxwebhu makathunyelwe kula magosa alandelayo:

Isithili	**Umntu ema-kuqhagam-shelwana naye:**	**I-imeyili**	**Inombolo yefoni:**
Izithili zeedolophu	George Valentine	George.Valentine@westerncape.gov.za	021 467 2911
	Ruth Hope	Ruth.Hope@westerncape.gov.za	021 467 2978
Izithili zamaphandle	Peggy Thomas	Peggy.Thomas@westerncape.gov.za	021 467 2930
	Patricia Liguma	Patricia.Ligma@westerncape.gov.za	021 467 2936

7. Bonke abafundi abakufaneleyo ukubhala iimviwo zangoMeyi/Juni 2020, mabazalise ifom yesicelo. IiFom zokwenza isicelo kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke zangoMeyi/Juni ziya kufumaneka ngosuku lokubhengezwa kweziphumo ze*NSC* ezikolweni ngoJanuwari 2020.

8. Uyacelwa wazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kubo bonke abasebenzi abaphantsi kolawulo lwakho ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2019-09-17

Annexure A

LEARNER ABSENTEE FORM

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS
NOVEMBER 2019

Complete an application for each absentee that occurs during the examination.
The district office and the centre must keep copies for record purposes.

Name of school													
Name and surname of learner													
Examination number													
Identity number													
Subject													
Paper													
Date of examination													
Reason for absence from the examination													

Mark with "X" in the appropriate box:

CHECKLIST FOR SUBMITTING DOCUMENTS					
Medical certificate	Affidavit	Letter from sports body	Letter from tertiary institution	Letter from principal	Certified copy of death certificate

COMMENTS: Please supply as much information about the absentee and attach all the relevant documentation. All original supporting documentation, affidavits, etc. must be submitted within seven days. **DO NOT** submit supporting documentation with candidate scripts.

I declare that the abovementioned information is true and correct.

NAME OF PRINCIPAL (please print)	SIGNATURE	DATE	CONTACT NUMBER

Lower Parliament Street, Cape Town, 8001
Tel: +27 21 467 2915 Fax: +27 21 461 5637
Safe Schools: 0800 45 46 47

Private Bag X9114, Cape Town, 8000
Employment and salary enquiries: 0861 92 33 22
www.westerncape.gov.za